



G–ISikhokelo seSebe iWCED: Inkxaso emalunga neemeko ezichaphazela ubume bomntu ngokwasengqondweni nangokwentlalo

Icandelo eLikhulu loPhuhliso noQuquzelelo lwamaZiko	G – ISikhokelo seSebe iWCED: Inkxaso emalunga neemeko ezichaphazela ubume bomntu ngokwasengqondweni nangokwentlalo	
G – ISikhokelo seSebe iWCED	Sikhutshwe nge-20 Meyi 2020	Masiqwalaselwe njengesiyimfuneko naxa kuyimfuneko

Sivunywe yiNtloko yeSebe:



BK Schreuder
Umhla: 2020-05-20

ISIHLOMELI G: ISIKHOKELO SESEBE LEMFUNDO LENTSHONA KOLONI (WCED) INKXASO EMALUNGA NEEMKO EZICHAPHAZELA UBUME BOMNTU NGOKWASENGQONDWENI NANGOKWENTLALO

1. Injongo

- 1.1. Olu xwebhu lulandelayo lucacisa iinkonzo ezahlukileyo namanyathelo enkxaso afumanekayo kwiinkonzo ezijongene neemko ezichaphazela ubume bomntu ngokwasengqondweni nangokwentlalo.

2. Abasebenzi abanezakhono kwiSebe iWCED

2.1. Abasebenzi abanika inkxaso emalunga neemko ezichaphazela ubume bomntu ngokwasengqondweni nangokwentlalo

- Iisayikholojisti/abacebisi (*psychologists/counsellors*) bezithili
- Oonontlalontle bezithili
- Abasebenzi abazii-*social auxiliary workers* bezithili
- Abancedisi abazii-*care and support assistants* kwizikolo ezisemngciphekweni ophezulu (Iprogram i-*HIV & TB Life Skills Programme*)
- Iisayikholojisti nabacebisi kwizikolo zemfundo eneemfuno ezizodwa
- ISebe iWCED linobuhlakani njengangoku neSebe lezeMpilo kunye neSebe loPhuhliso loLuntu ngenkxaso yeprogram eyi-*Integrated School Health Programme* ukwenzela iinkonzo zenkxaso kwiimeko ezichaphazela ubume bomntu ngokwasengqondweni nangokwentlalo ezongezelelweyo.

2.2. INkonzo yeMpilo neMpilo-qete yaBaqeshwa

- 2.2.1 Iphondo linenkonzo yezempilo nempilo-qete yabaqeshwa ebonelelwa yi-*Metropolitan Health*.
- 2.2.2 Le nkonzo iyafumaneka kubo bonke abaqeshwa beSebe iWCED nakumalungu eentsapho zabo asondeleyo kubo. Inika inkxaso ngemiba eyahlukeneyo, ukususela kwimingeni yosapho, iingcebiso ngezemali, imiba yebudlelwane, iingcebiso ngezonyango, nemingeni emalunga nezemisebenzi. Ezi nkonzo ziye zatshintshwa apha naphaya ukulungiselela ukulawula uxinzelelo, udandatheko nempilo ngeli xesha lale meko iyingxaki ekhoyo ngoku.
- 2.2.3 Abaqeshwa banokuqhagamshelana ne-EHWP kwinombolo zefoni engahlawulelwayo: 0800 1110011 ukufumana ithuba lokuncokola ngokuyimfihlo kunye nomnye wabacebisi babo.
- 2.2.4 Abaqeshwa banako nokuthumela u-*"Please call me"* apha *134*664*38# okanye bathumele i-imeyili apha: wced@mhg.co.za.

2.2.5 Ingcaciso engaphezulu inokufunyanwa ngokuthi kungenwe kwi-WCED's EHWPweb portal apha: <https://wcedonline.westerncape.gov.za/employee-health-and-wellness-programme>

2.3. linkonzo zenkxaso emalunga neemeko ezichaphazela ubume bomntu ngokwasengqondweni nangokwentlalo

linkonzo zenkxaso kwiimeko ezichaphazela ubume bomntu ngokwasengqondweni nangokwentlalo ziya kususelwa kule miba yenkxaso ilandelayo:

- 2.3.1. Ukuxhotyiswa kwabasebenzi bezikolo ngokubanzi ngezakhono (isikolo sonke) ngokumalunga nolwazi lwempilo ngokwasengqondweni kootitshala nakubafundi/ulwazi ngempilo-qete/iinkqubo/amaphulo ongenelelo ngoncedo.
- 2.3.2. Inkqubo zokufundisa ezigxininisa ekunikeni ulwazi abahlali besikolo malunga neemeko zomothuko omkhulu nokwakha iinkqubo ezomeleleyo zokulungiselela ukulawulwa kweemvakalelo nezivamvo/ukuzilawula ngokwakho umz. iindlela zokuphefumla, iindlela zokusebenzisa umzimba ukunyanga uxinzelelo lwengqondo, ukukhathala,iintshukumo,umdaniso,ubugcisa, idrama, iiprogram zasemva kokuphuma kwesikolo njalo-njalo.
- 2.3.3. Inkxaso malunga neemeko ezichaphazela ubume bomntu ngokwasengqondweni nangokwentlalo kumntu ngamnye okanye kubantu abaninzi.
- 2.3.4. Ooontlalontle; iisayikholojisti, abacebisi (*counsellors*), abazii-*social auxiliary workers*, nee-*care and support assistants*.

3. IiNdimaneMisebenzi

3.1. Indima ye-Provincial-Based Support Team (PBST)

- 3.1.1. Makubonelelwe ngesikhokelo senkxaso emalunga neemeko ezichaphazela ubume bomntu ngokwasengqondweni nangokwentlalo kwizithili ezisibhozo.
- 3.1.2. Makubekwe esweni yaye kwaziwe iinququ eziqhubekayo malunga neemfuno zenkxaso ngokwasengqondweni nangokwentlalo negalelo lamaphulo ongenelelo ngoncedo.
- 3.1.3. Makusetyenziswane neCandelo leKharithulam, neloLawulo noKuphathwa kwamaZiko, (kuqukwa neZikolo eZikhuselekileyo), namanye amasebe karhulumente, ii-NGOs, iiyunivesithi, njl.njl.

3.2. Iindima ze-District-Based ne-Circuit-Based Support Teams (ii-DBSTs ne-CBSTs)

- 3.2.1. I-DBSTs/CBSTs: Iisayikholoji nonoontlantle bezithili mababonisane ngeendlela zokusebenzisana nabasebenzi abangabacebisi, iisayikholoji, amanesi, iikomiti ii-*inclusive education outreach teams*, abancedisi abazii-HIV *programme care and support assistants* nee-*social auxiliary workers*, ICandelo loLawulo noKuphathwa kwamaZiko (kuqukwa nabaququzeleli beZikolo eziKhuselekileyo nabaququzeleli abazii-School *Enrichment coordinators*), amanye amasebe karhulumente nee-NGOs ukunika inkxaso izikolo (ootitshala/abafundi) abachatshazelwe ngubhubhane we-COVID-19.
- 3.2.2. I-DBSTs/DMTs, ngokusebenzisana ne-*Employee Health and Wellness Programme (EHWP)*, mazilungiselele inkxaso yesithili neyabasebenzi besikolo umz. iiseshoni zokuchazela abasebenzi.
- 3.2.3. I-CBSTs mazibonelele ngengcebiso nenkxaso ezikolweni.
- 3.2.4. Umsebenzi wokwabelana ngengcaciso kwabafundi .
- 3.2.5. Makwenziwe isaveyi eyandlalelayo emalunga neemeko ezichaphazela ubume bomntu ngokwasengqondweni nangokwentlalo.
- 3.2.6. Inkxaso emalunga neemeko ezichaphazela ubume bomntu ngokwasengqondweni nangokwentlalo iya kusekelwa kwabo bagqithiselwe kwiinkonzo zoncendo kusetyenziswa iinkonzo zenkxaso nenkcazo ngokuqhubekayo evela ezikolweni.
- 3.2.7. Inkxaso kwizikolo yi-DBST/CBST mayibe ngumba ophambili ngokwenqanaba lenkxaso efunekayo
- 3.2.8. Ngokwenkcazelo efunyenwe ezikolweni, abasebenzi abanika inkxaso kwiimeko ezichaphazela ubume bomntu ngokwasengqondweni nangokwentlalo banokunika inkxaso kumntu ngamnye okanye kumaqela ngokwenqanaba nobunjani bemfuno.
- 3.2.9. Amaphulo ongenelelo ngoncedo azii-*Trauma-Informed/Resilient Schools (TIRS)* aya kwenziwa kwezona zikolo zisemngciphekweni nakubahlali ngokunjalo njengenqubo ephambili.
- 3.2.10. Ii-CBSTs mazithethane ne-SBSTs/SMTs/namabhunga olawulo aququzelela ukubonelelwa kwenkxaso kwiimeko ezichaphazela ubume bomntu ngokwasengqondweni nangokwentlalo ngeenkqubo zenkxaso.
- 3.2.11. Ii-DBSTs mazibethelele intsebenziswano nengxoxo nezinye iikhomponenti kwinqanaba lesithili ukwenzela inkqubo eyimbumba.
 - KwiCandelo lekharithyulam Makuthethwane nootitshala be-*Life Orientation*, njl.njl. nabacebisi bezifundo ukuba bafake ulwazi nge-COVID-19, oonobangela, unyango, impilo nococeko, iinkqubo zempilo-qete, njalo-njalo kwiZakhono zoBomi nakwezinye izicwangciso zezifundo.
 - ICandelo loLawulo noKuphathwa kwamaZiko: Abaphathi beeSekethe mabanike inkxaso izikolo kwimisebenzi yazo esisiseko emalunga nezitraktsha zenkxaso, njl.njl.

- 3.2.12. ICandelo leZikolo eziKhuselekileyo: IZikolo eZikhuselekileyo mazithethane nabaququzeleli beZikolo eZikhuselekileyo ngeeprogram ezinazo ezinokongezwa kwinkxaso kwiimeko ezichaphazela ubume bomntu ngokwasengqondweni nangokwentlalo emva kwe-COVID-19.
- 3.2.13. ICandelo le-HIV/AIDS: Makuthethwane nabaququzeleli abazii-care and support coordinators ngeeprogram zenkxaso kwiimeko ezichaphazela ubume bomntu ngokwasengqondweni nangokwentlalo emva kwe-COVID-19.
- 3.2.14. ICandelo loPhuculo lweZikolo (School Enrichment): Makuthethwane namagosa ophuculo lwezikolo malunga neeprogram zophuculo lwezikolo ezimalunga ne-COVID-19.

4. linkcukacha zoqhagamshelwano zeeNtloko zeMfundo eBandakanya bonke aBafundi nezeMfundo eneeMfundo eziZodwa zeZithili:

Isithili	INTloko yeSLES	Inombolo yoqhagamshelwano:
Eden and Central Karoo	G Raubenheimer	044 803 8351
Cape Winelands	S Swart	023 348 4658
Overberg	A Crous	028 214 7399
West Coast	A Arendse	021 860 1209
Metro Central	E Hassen	021 514 6700
Metro South	G de Klerk	021 370 2090
Metro East	O Rustin	021 900 7187
Metro North	C Petersen	021 938 3063

5. Itshathi i-Psycho-social support flowchart

